basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2

## 2017

## MEMORANDAM

**AMANQAKU: 80**

**Le memorandam inamaphepha angama-21.**

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo esisincoko.*

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. *Imibuzo emifutshane*.

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI / BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo.

## ICANDELO A: ISIHOBE

***VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela: Umhleli**

**IMIHOBE EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO)**

**AFRIKA LIKHAYA– W Shasha**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-20 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isigama esichongwe yimbongi siqulethe intsingiselo edandalazisa udaba ezisa lona malunga nomba othile. Kuqhushekwa kuso izimvo, iimvakalelo neembono zayo ngokubhekiselele kokuthile. Kulo mbongo isigama esichongwe yimbongi siqulethe umongo nomxholo, kanti sityhila ngakumbi imeko yeAfrika.

- 'Kowu! Aphin'amadodana!': Kuvulwa ngesikhuzo esivakalisa intlungu nosizi. Kwalandela umbuzo 'aphin' amadodana' ukutyhila ukuba imbongi izama ukuvuselela nokuvusa abantu abatsha, bona banegazi elibalekayo nabasenamandla baphakame balwele ilizwe labo.
- 'Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi': Ukukhwina kukulila ungaphumelisi. Oku kudiza isingqukru esibangwa yintlungu egqithileyo ubani agutyungelwe yiyo. Oku kudiza intlungu yembongi ngokubhunyulwa kwelizwe layo.
- 'Intombi kabawo bayenzakalisile': Igama intombi libhekisa kwiAfrika, lizoba ubuhle bayo, kanti idiza ubuthathaka bayo ngokwezigalo. Ukwenzakalisa kukulimaza umntu okanye isilwanyana sibe kwimeko engaginyisi mathe. Oku kutyhila umfanekiso welizwe iAfrika lingxwelerhwe nkalo zonke zizizwe zasemzini.
- 'Izidlwengu zezidlamlilo': Ukudlwengula kukuzithathela ngolunya isondo. Oku kuqaqambisa ukungena ngaphandle kwemvume kwabaMhlophe kwilizwekazi iAfrika, banganeli nje ukwenza koko bazithabathele ngolunya nangezigalo kubutyebi beli lizwe. Ibinzana 'zezidlamlilo', lizoba uburhalarhume nokungabi nalusini kwaba barhwaphilizi.
- 'Ngcango, festile ziyalengalenga': Igama 'ziyalengalenga' lityhila ukuba ezi zidlwengu zabarhwaphilizi zezinye iintlanga, zingene ngankalo zonke ngeendlela ezahlukileyo ukuzama ukufikelela ngobuqhophololo kubutyebi belizwe iAfrika.
- 'Sebekruthakruthe batyhoboza!': Oku kunika umfanekiso wabantu abangene ngolunya kwiindawo ezinqatyisiweyo, oovimba belizwe, betshabalalisa kwamntu nanto inga ingangumqobo ekuzuzeni oko bakufunayo. Kwakhona, ukukruthakrutha nokutyhoboza kudiza ukuba amakroba abangene ngawo ngenkani akanakube avaleke, kuba imivalo yaphukile.

- 'Hlas' umkhont'am ndabibitheka': Isifanekisozwi sizoba imeko yomntu othatha isikhali ngokukhawuleza nangomsindo eneenjongo zokuzilwela. Oku kutyhila amalinge enziwe yiAfrika ukuzama ukuzikhusela kubangeneleli.
- 'Yangen' imbumbulu bandosela': Ukusetyenziswa kwebinzana 'imbumbulu bandosela kutyhila imeko yokungalingani ngokwezixhobo nokuphalala kwegazi lamaAfrika kwimigudu yokuvingca utshaba lungangeni lwenze unothanda. Yimizamo yokukhusela nokulwela ilizwe lawo.
- 'Ndothath' imihlakulo ndidiliz' iintaba,': Imbongi izoba imeko apho iza kusebenzisa zonke izixhobo enazo ukususa imiqobo esendleleni neembophelelo ezibangelwe kukufika kwabasemzini.
- Nditsho nditabhate ndiphangalale? Oku kutyhila imeko yomntu ohamba kwindawo ngokonwaba kungekho zimbophelelo zamithetho imcinezelayo.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)**

**[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## INTLAKOHLAZA – JJR Jolobe

2.1 Siphuhlisa ukwamkeleka nokuvuyelwa kwexesha lentlakohlaza ebekukudala lilindelwe abantu besolula izandla ngokunga kuvuyelwa kusamkelwa umntu ofikayo.√√ (2)

2.2 Kukubethelela okanye ukugxininisa ukuba wonke umntu uyayamkela intlakohlaza√√/kukudala isingqisho√√/kukucacisa ukwamkeleka kwexesha lentlakohlaza.√√ (2)

2.3 Yintsingiselo yokuba umhlaba uneentanda kwaye uxwebile.√√ (2)

2.4 Imbongi isichazela ngexesha lentlakohlaza, kulangazelelwa olu tshintsho nochulumanco oluza neli xesha lonyaka.√√/kuba imbongi isichazela ngomahluko phakathi kwentlakohlaza nobusika nolangazelelo ngenxa yenguqu.√√

(Nabuphi na ubungqina bokuchazayo obuchanekileyo) (2)

2.5 Imbongi yonwabile√/iyavuya√/ichulumancile√ kuba kusuke ubusika kwafika ixesha elithandwayo lentlakohlaza√/kuba indalo yonke iza kutshintsha idlamke ngenxa yentlakohlaza.√ (2)

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)** **[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UVUKANI MADODA KUSILE – ZWV MZUKWA

3.1 Siphuhlisa indlela okhonya ngayo umqhagi uxela ixesha lokuvuka oku komntu okhumbuza umntu ngokuvuka ukuya kuloo ndawo ithile.√√ (2)

3.2 Imbongi ibethelela ubunganga bomqhagi xa uphakathi kwezikhukukazi√√/kukudala isingqisho√√/kukuntyontyela umqhagi.√√ (2)

3.3 Yintsingiselo yokuba naliphi na iduna kufuneka libe nenzala ukuze lixatyiswe√√/Yintsingiselo yokuba inkunzi yaziwa ngemveliso yayo.√√ (2)

3.4 Imbongi isichazela ngokubaluleka komqhagi√√/kuba imbongi isichazela ngendima edlalwa ngumqhagi kwintlalo yoluntu√√/kuba imbongi isichazela ngomqhagi oyiwotshi yendalo.√√

(Nabuphi na ubungqina bokuchazayo obuchanekileyo) (2)

3.5 Imbongi ichulumancile√/yonwabile√/iyavuya√ kuba ibonisa indima ebalulekileyo edlalwa ngumqhagi kwintlalo yethu.√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)** (2)
**[10]**

## UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UPROFESA AC JORDAN – ZS Qangule

4.1 Luphuhlisa ukuba udaba lokusweleka kukaJordan lwafikelela ezindlebeni zabantu abaninzi nakwabo babengamazi.√√/Luphuhlisa ukuba udaba lokusweleka kukaJordan lubachaphazele ngamandla abantu ngenxa yegalelo lakhe ebelenza esizweni.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.2 Kukugxininisa okanye ukubethelela ukuba wonke umntu abe nomfanekiso-ngqondweni wemeko embi ngenxa yokusweleka kukaJordan√√/kukudala isingqisho.√√ (2)

4.3 Yintsingiselo yokuba ukusweleka kukaJordan kuzilelwe yindalo ngokubanzi√√/ukusweleka kukaJordan kuzilelwe nangabantu abakumazwe aphesheya.√√ (2)

4.4 Imbongi ibika udaba lokusweleka√√/kuba imbongi ivakalisa intlungu yokusweleka kukaJordan.√√

(Naziphi na iimpawu ze-eleji ezixhasayo) (2)

4.5 Imbongi ikhathazekile√ kuba kusweleke uJordan obenegalelo elikhulu kwisizwe sakhe nakwihlabathi liphela.√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)
**[10]**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INGOMA – IV MTAMZELI**

5.1 Uphuhlisa ukuba ingoma itsho ngesidima nesithozela ezindlebeni.√√ (2)

5.2 Yimvakalelo yengoma etsho kamnandi kulowo uyiphulaphuleyo.√√ (2)

5.3 Yintsingiselo yokuba ingoma iyasetyenziswa kuzo zonke iinkalo zobomi. √√ (2)

5.4 Imbongi ichaza indima edlalwa yingoma kwintlalo yoluntu jikelele.√√

(Nabuphi na ubungqina bokuchazayo obuchanekileyo) (2)

5.5 Yonwabile√/ichulumancile√/iyavuya√ kuba isichazela ngokubaluleka kwengoma nemisebenzi yayo kwintlalo yethu.√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo).** (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI

### *NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-21 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Ubomi bukaThole buqale eZazulwana ezalelwa kwikhaya elihluphekileyo nelingathathi-ntweni. Imfihlelo yakhe ibikukubeka ithemba phambili kuyo yonke into ayenzayo kwaye ebeyimela into akholelwa kuyo. Oku kube ngunobangela wempumelelo ebomini bakhe.
- UThole ukhule ngaphandle kukayise, ekhulela kwaFikizolo kumzi ebengahlobenanga nawo. Ubomi bakhe ubuqale ngendlela engathembisiyo kuba uye wasiyeka isikolo ngenxa yeemeko zokuhlupheka.
- Uzibhaqa eseBhayi kodwa nalapho angayekeleli, njengendoda uzifunele umsebenzi kwaIrvin & Johnson, awufumane lula ngenxa yobukrelekrele bengqondo yakhe.
- Uthi eseBhayi apho ahlangane noNomsa athe wathandana naye. Kobu buhlobo bakhe noNomsa uzibhaqe ejamelene nokufa xa wayeza kubulawa nguJoe neqela lakhe, ekuthe kanti sesinye isithandwa sikaNomsa. Loo meko yokuzibona ejongene nokufa imenze enze isibhambathiso kuThixo sokuba uya kumkhonza uThixo ubomi bakhe bonke xa athe wamsindisa.
- Akusinda uthathe isigqibo sokuba agoduke, apho athe endleleni wahlangana nabahlobo bakhe ooThemba abamqhathileyo bathi bayagoduka kanti baya ngaseKnysna, apho asinde cebetshu ekubulaweni ziingonyama kumahlathi aseKnysna.
- Ekuhambeni kwakhe ude waya kufika eKnysna apho athe wazenza igqirha watsho wafumana imali nemfuyo. Uyenze ngempumelelo into yokuba ligqirha ngenjongo yokuziphilisa. Uthi elapho eKnysna acinge ngokugoduka ngenxa yamaphupha ayengamonwabisanga ekwanenjongo yokuthi xa efika ekhaya aphindele esikolweni.
- Xa efika kwaFikizolo, uFikizolo ufuna ukumthathela umfazi, uThole ukhaba ngawo omane ngelithi ufuna ukubuyela esikolweni. Ngenene uThole waphindela esikolweni eDikeni ngokweminqweno yakhe.
- UThole ufike wakrelekrele kakhulu esikolweni kwizifundo zakhe. Ufika apho esikolweni wonyulwa wangumphathi wamakhwenkwe esinaleni.
- Ngenxa yokuzinikela kwakhe kwiinjongo zakhe wafumana imbasa nesipho-nkxaso-mali ngenxa yokubalasela kwakhe kwizinto ngezinto.
- Unikwa uxanduva lokujongana neenkonzo zabafundi ngumfundisi uShepherd wenziwa nosihlalo weS.C.A.
- Uyazinikela ezifundweni zakhe ephumelela emagqabini de aye kufunda eYunivesithi.

- Ukuzibalula kukaThole kwiingxoxo-mpiswano kwenza ukuba afumane inkxaso-mali nto leyo yaba ngunobangela wokuba afunde de ayityekeze kuba waphumelela isidanga sePhD kwezakwaLizwi.
- Uwenze ngempumelelo nomsebenzi wobufundisi engumfundisi ogqamileyo ngeentshumayelo zakhe eziguqula abantu. Ufika eGeorge Goch watshintsha nentlalo yabantu bakhona ngexesha engumfundisi. Walakha ngempumelelo elo bandla iSpes Bona nangona kwakunzima kuba abantu bakhona babegutyungelwe ziziyobisi notywala.
- Iintshumayelo zikaThole zamenza waduma kakhulu kuba zaba ngunobangela wokudibana kwakhe noyise amzalayo uMkwayi. Ukudibana kwabo kwenza ukuba bafikelele kwisigqibo sokuba bagoduke. Baye eZazulwana apho afike wavusa ikhaya lakhe ngokuthi akhe ipomakazi lendlu.
- Iphela incwadi ephumelela kuba ufunde wayityekeza kuba uphumelele isidanga seMasters nesePhD. Unguchwenene womfundisi, unekhaya kwaye uhamba ngomnyobo wemoto.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

7.1 Kufike uJoe neqela lakhe kuloNomsa wabe uNomsa ehleli noThole okwasisithandwa sakhe.√√ (2)

7.2 UThole uphendula ebonakalisa ukungacengi kwaye ubonakala elindele nantoni enokuthi yehle√√/UThole uyagwexa exolele ukuba yehle eyehlayo inyuke eyenyukayo√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.3 Imveza njengomntu onesibindi √√/Imveza njengomntu oligorha nongoyiki ngokoyiswa.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.4 Yimpixano yangaphandle.√ UJoe neqela lakhe kunye noThole babonakala besilwa ngezigalo.√ (2)

7.5 Kungumqondiso wokuba uyanikezela√/Kungumqondiso wokuhla kwamandla akhe.√/Kungumqondiso wokuxhoma√/kungumqondiso wokucela uxolo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

7.6 Isiphumo saba sisigqibo sokuba uThole azinikele ukuba uya kumsebenzela uThixo ukuba uthe wamsindisa kwizikrelemnqa ezingooJoe√√/Wenza isigqibo sokuba alishiye iBhayi.√√ (2)

7.7 B. Ukuqhutywa kukaThole ngootsotsi asiwe ngaphaya kwelokishi√/ B√/ Ukuqhutywa kukaThole ngootsotsi asiwe ngaphaya kwelokishi.√

C. Ukuzenza kukaThole igqirha√/ C√ / Ukuzenza kukaThole igqirha.√

A. Ukufika kukaThole kokwabo evela eKnysna√ / A√ / Ukufika kukaThole kokwabo evela eKnysna.√ (3)

7.8 Sivuselela usizi√ /uvelwano√ kuba uThozama wayesithi akusiva azive emsizela de aye kumbamba ebunzi.√√ (3)

7.9 Waphumelela isidanga seBA, eseMasters√ nesePhD.√

(Nasiphi na isibini) (2)

7.10 Yayikukubonisa okanye ukutyhilela uThole ukuba kungenzeka ukuba nguyise lo√√/Yayikukubonisa uphawu afana ngalo uMangaliso noMkwayi.√√ (2)

(Nayiphi na kwezi)

7.11 Licebo lokwenza uMkwayi abe nomdla wokuya kwimvuselelo ngeenjongo zokubona umfundisi oyindumasi kanti uza kudibana nonyana wakhe.√√ (2)

7.12 Isimo sentlalo sesexesha langoku√ sele kukho umfutho waseNtshona oqhutywa yinkolo yobuKrestu√/Isimo sentlalo sesexesha langoku√ oku kubonakala ngokusetyenziswa kwezinye iilwimi njengesiNgesi nesiBhulu.√

**(Nayiphi impendulo echanekileyo)** (2)
**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-21 ukuhlola lo mbuzo*.*

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- UMfazwe kule noveli uvela engumlinganiswa onomqolo nobukhalipha, igorha elifunga lingajiki. Unento ayimele kwade kwasekupheleni, inkululeko yomntu omnyama eMzantsi Afrika. Unombono wesizwe sakokwabo esikhululeka kwidyokhwe yobukhoboka.
- Ulwa nentlupheko, aphuncule kwiinzipho zengcinezelo ebezizama ukumvimba imfundo, de abe uyititshala.
- Akufumana imfundo iyasuka inkwethu emehlweni, azinike uxanduva lokuvula iingqondo zabantu bakowabo.

- Uthi xhwa eme ngemikhono kwimibuthwana efuthayo yasekuhlaleni, azibandakanye nabantu.
- Umela amalungelo abantu de kubutitshala bakhe azinike uxanduva lokufundisa abantwana ngamalungelo, azixakekise nangokongula ugwebu lobuxoki kwimbali yabantu abamnyama, efundisa abantwana kuba efuna bazi ubunyani.
- Uthi sele eyalwa ziititshala aphangela nazo, aqonde ukuba akazi kulunyulwa mntu kwinto akholelwa kuyo.
- Uthi sele ebanjiwe ngesityholo sokunyola umbuso, aketha mandla, awexuleke xa athengwa ngamapolisa karhulumente wengcinezelo ukuba angcothoze. Ufungela ukungathengisi ngesizwe sakhe ngenxa yento akholelwa kuyo, inkululeko yomntu omnyama. Uxolela umvuzwana wakhe ongephi wobutitshala kunokuthengisa ngabantu.
- Uthi esaphulwa umqolo ngurhulumente wengcinezelo esebenzisa ooFriday nooNtsipho ukuba batshise ikhaya lakhe, ahluthwe uNokuzola ithemba lakhe, de enziwe ikheswa ngokutyatyekwa isityholo sobumpimpi kodwa angajiki ayokunqwala kurhulumente wengcinezelo.
- Uthi secinga ukuba ulifumene ithuba lokuhlamba igama lakhe kudule ubunyoka booFriday kwanyanzeleka ukuba makabhace. Ukungaqiniseki kwakhe nomfundisi uHlathi ukuba ngaba akabonwanga na nguFriday nebhulukhwe yakhe enqongo ligazi kwenze ukuba atsibe imida. Phambi kokuba ahambe umnike konke umfundisi uHlathi ngobumpimpi booFriday, Ndlela nabanye.
- Njengamntu oyimelayo into akholelwa kuyo, uthatha isigqibo sokuzimanya nombutho weNtsimb' ebomvu, olwela ukothula idyokhwe yengcinezelo. Unyamezela ubunzima obungathethekiyo kwindlela eya elubhacweni, esinda cebetshu, de athi sele enqandwa ngumzingeli ukuba makajike kuba uya ekufeni, afunge ngelithi alisiko lakokwabo ukuhlehla umva.
- OoJoma bathi emva kokumbetha bamqonda ukuba akayiyo impimpi. Bamcenga ukuba angayi eBathwa kuba besithi uya kufela kuloo ndlela. Wala kuba efungele ukufika eMthontsi.
- Kwindlela eya eMthontsi uyadutyulwa kodwa kunjalo akahlehli mva uya phambili. Akufika uqhubeka nemfundo afunde izifundo zomthetho, akugqiba akhuthaze nabanye.
- EMthontsi unyamezela ukunyeliswa nguKhonjwayo esithi uyimpimpi nto leyo yenza ukuba abe negama elibi. Kwalapha eMthontsi usinda cebetshu xa umkhosi waseMzantsi Afrika uhlasela ubhubhisa inkampu yabo.
- Ekugqibeleni, kuMzantsi Afrika omtsha uba yijaji echophele ityala likaFriday lokubulalisa abantu ababezabalazela inkululeko.
- UMfazwe uphetha engummelwane kaMeva kwaye abantwana babo bafunda esikolweni esinye.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

9.1 Abantwana bebegwayimbela ukubanjwa kukaMfazwe ngamapolisa baza bangquzulana namapolisa kwangenelela abantu.√√ (2)

9.2 Yimpixano yangaphandle√ kuba sibona abantwana besikolo besilwa namapolisa, bona bagibisela ngamatye amapolisa wona ababetha ngeemvubu kwaye ayabadubula.√ (2)

9.3 UMfazwe ubonisa ukuwachasa amapolisa kwaye ungumntu wokuxhasa abantu kumzabalazo wengcinezelo√√/Kumnike amandla ukubona ukuba ukumzabalazo kunye nabantu.√√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (2)

9.4 Isimo sentlalo sityhila imeko yexesha langoku√ kuba sele kukho umfutho waseNtshona otyhilwa kukuba kuthethwa ngabafundi√/Isimo sentlalo sesexesha langoku√ kuba sekusetyenziswa amapolisa ukugcina umthetho.√

**(Nayiphi impendulo echanekileyo)** (2)

9.5 Ngumqondiso wengcinezelo√√/Ngumqondiso wesixhobo sengcinezelo esisetyenziswa nguRhulumente.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.6 Yayikukufihla inyani yokuba wabulawa ngamapolisa etrongweni uKK√√/ Babesoyika ukuvukelwa ngabantu abamnyama.√√ (2)

9.7 C. Ukugxothwa kukaMfazwe entlanganisweni kusithiwa yimpimpi.√

A. Ukubhaqa kukaMfazwe abantu ababulewe nguFriday.√

B. Ukuthatha kukaMfazwe uhambo oluya kwaZamlandela.√ (3)

9.8 Yinja ebimana ukuvela kwiindawo uMfazwe ebehamba kuzo esengxakini kodwa isuke ithi shwaka.√√/Yinja ebimana ukuvela kuMfazwe imsindisa ezingozini.√√/Yinja athe wayibona ngelixa lokuhlaselwa kwakhe ngala makhwenkwe abavukeli.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.9 Amapolisa angene kuloliwe abetha abantu√/Abantu babanjwa ngamapolisa bezama ukuphuma.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

9.10 Sisiganeko sokuhlangana kukaMfazwe namapolisa aseThongo athe sele embambile aphinda amkhulula.√√ (2)

9.11 Uvela njengomlinganiswa olikhalipha√/Uvela njengomlinganiswa oligorha√/ Uvela njengomlinganiswa onesibindi √/Uvela njengomlinganiswa olikroti√ kuba emva kokudutyulwa kooSikhotsholo ngamakhwenkwana uthathe umpu kaSikhotsholo wawadubula wawabulala amakhwenkwana.√√

(Nayiphi na kwezi) (3)

9.12 Yaphumelela kuba wafika eMthontsi, walelinye lamajoni omzabalazo.√√ / Yaphumelela kuba balwe bade bayifumana inkululeko.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

***AMAZA* – ZS Qangule**

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
  Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-21 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Isihloko sencwadi sinokuzalwa zizinto ezininzi, ngaxa limbi sibe siphefumlelwe ngumxholo webali.
- Le drama kuthiwa ngaMaza kuba sibona ukuphakama kwempikiswano nengxabano nokungaboni ngasonye kwabalinganiswa abaphambili. Kukho amahla-ndinyuka angumfuziselo wokulwatyuza kwamaza phakathi kukaLizo, uNamhla, uZodwa noSidima. Eyona nto iphambili kule ncwadi kukudlelelwa kwabalinganiswa abaphambili ngokunyanzeliswa kwesiko lokubonelwa nesiko lokungena.
- UDanile wendisela uNamhla kuSidima angamthandiyo ngenkani njengoko ngokwesiko yayiluxanduva lwakhe ukwenza oko njengomzali. Oku uNamhla ukukhaba ngawo omane ngenxa yokuba yena ungumntwana weli xesha ongahambisaniyo namasiko.
- Kwelinye icala uLizo utshatiswa noZodwa Zazile angamthandiyo kuba yena uzithandela uNamhla.
- Umbhali uyibiza le ncwadi ukuba ngaMaza ngenxa yokuphakama kwemisindo okubangela ukungabikho kozinzo kubomi babalinganiswa. Umzekelo, uDanile uyavutha ngumsindo kuba ebona uNamhla noLizo bethandana entangeni kaNamhla nangona sekumbovu ukuba uNamhla atshatiswe noSidima. Esi senzo sibonakalisa ukunyhashwa kwelungelo lakhe njengomzali owendisayo nosabambelele kumasiko nezithethe. Ude uDanile abize intlanganiso yamaBhele.
- Oku kunyanzeliswa kwamalungelo kube ngunobangela wokungaboni ngasonye. AmaBhele aqhekeke kubini kwavela izifundiswa ezingawahoyanga amasiko namaqaba asanamathele esikweni. UNamhla noSidima abavisisani kukho ukruthakruthwano. Ngokunjalo nakuLizo noZodwa akukho luxolo oku kwamaza, bayaphixana kuba abathandani.
- Le nto ibe ngunobangela wokunganyaniseki kubatshati kuba macala bayakrexeza de kwakho nabaphulukana nemiphefumlo yabo.
- Kuthe kwakusweleka uSidima ngabula bona, uNamhla waphinda wanyanzeliswa ngesiko lokungena nathe walikhaba.
- UNamhla akazi nokuba baziziciko zayiphi na imbiza abantu bomzi wakhe umzekelo, uthandana noLizo phambi kwabo de akhulelwe esazilile, akamhloniphi noninazala uMaNdaba.
- Kumngcwabo kaSidima kubonakala ukunyuka kwemisindo kuba kuxanjuliswana ngokuvulwa nokungavulwa kwebhokisi nguPhathumzi noWelisile.

- USilumko ube ngumcuphi ophum'izandla, ephanda ababulali bakaSidima noZodwa Zazile.
- Waluphetha uphando lwakhe ngenkonzo yasemangcwabeni apho kwatyhileka khona imfihlelo ethi uMaLimakhwe ngunina kaNamhla, uSidima noZodwa Zazile basaphila, umbulali nguLizo. Amabibi ebefihlakeke abe ayavela apha emangcwabeni kanye njengaxa etyekezwa ngamaza olwandle.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)**

**[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***AMAZA* – ZS Qangule**

11.1 Bamnyanzela ukuba atshate noSidima angamthandiyo.√√ (2)

11.2 Iveza ukuba uLizo ungumntu onyanzelisayo xa efuna ukuyenza into √√/Iveza ukuba uLizo ungumntu onesibindi√√/Iveza ukuba uLizo ungumntu otyhala ngesifuba.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.3 Ngumyalezo wokuba mabangayideleli imeko abajongene nayo kuba becinga ukuba balumkile.√√ (2)

11.4 Abonisa imiyalelo yeqonga√/abonisa iintshukumo zabalinganiswa√/azisa indawo nexesha√/azisa iimvakalelo zabalinganiswa neemeko abakuzo√/ achaza okuza kwenzeka.√

(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

11.5 UDanile umnxulumanisa uLizo nenja ngenxa yezenzo zakhe, ezifana nokuthandana nomfazi womntu ade amhambele entangeni kokwabo.√√ (2)

11.6 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo√/amagama akwizibiyeli anika umyalelo weqonga√/iintetho zabalinganiswa zibhalwa ecaleni kwamagama abo.√

(Nasiphi na isibini.) (2)

11.7 Luluvo lokuba izinto zihamba kakuhle okanye ngale ndlela ebenqwena ngayo.√√/Luluvo lokuba le nto ayikhangelayo usendleleni eya kuyo ngqo.√√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

11.8 Ngumsebenzi wokuba ngumcuphi okanye wokuba ngumphandi√ kuba uphande ngokufa kukaSidima noZodwa wafumanisa ukuba bona basaphila.√ (2)

11.9 Kubonisa ukuzithoba√√/Kubonisa ukumthanda√√/Kubonisa ukumhlonela√√/ Kubonisa ukuzingca ngomyeni wakhe.√√

(Nasiphi na kwezi) (2)

11.10 Usebenzise ubuchule bokuzenza igqirha ukufika kwakhe eSwazini ukuze akwazi ukufumana konke awayekuphanda√√/Usebenzise ubuchule bokutshintsha-tshintsha iilwimi ukuze akwazi ukufumana konke awayekuphanda.√√/Usebenzise iinkolo zabantu.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

11.11 Kwavela ukuba uSidima noZodwa Zazile bayaphila kwasweleka uDuma noZodwa waseBhayi√/Kwavela ukuba uLizo nguye owabulala uDuma noZodwa waseBhayi ecinga ukuba ubulala uSidima noZodwa Zazile oyinkosikazi yakhe√/Kwavela ukuba uNamhla uzalwa nguMaLimakhwe waseBhayi oyinkosikazi kaSilumko√/Kwavela abenzi bobubi batsho babanjwa√/Kwavela ukuba kanti nguSilumko umphandi malunga nokubulawa kukaSidima noZodwa.√

(Nasiphi na isibini) (2)

11.12 Ukutshintsha kwamaxesha√ kube nefuthe kwinkcubeko yethu√/nokutyeshelwa kwamasiko√/Ukunyanzeliswa kwabantu√ ngezinto abangazifuniyo√ kunokukhokelela ekufeni.√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (3)
**[25]**

## UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO)

### *A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-21 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

- Isihloko sencwadi sinokuzalwa zizinto ezininzi, ngaxa limbi sibe siphefumlelwe ngumxholo webali. Isihloko salo mdlalo sithi 'A-a-a! Jongumsobomvu, umqondiso wokuqala kokukhanya nangona bekumnyama. Kusetyenziswe isikhahlelo sikaNkosi uMaqoma ongomnye wabalinganiswa ovela njengegorha elilwa lijijilize lilwela ukubhunyulwa kwenkcubeko nomhlaba ngabelungu, bengena ngekhusi lelizwi likaThixo. UMaqoma wayeyinkosi elithandazwe, exabise isintu namalungelo omntu omnyama.
- UMaqoma zisuka ebalini akayiginyi ncam inkolo yobuKrestu eza nabefundisi baphesheya ngenxa yokusetyenziswa kwayo ukunyhasha eyamaXhosa. Oko kwenza ukuba njengankokeli elithandazwe angquzulane nabefundisi norhulumente wabaMhlophe.
- Njengathandazwe ukrwitshwa kukungenelela kwabaMhlophe phakathi kwabantu, bejija iingqondo zabo de isizwe sahlulelane phakathi. Kubekho iqela abalifundisa ukucekisa amasiko nezithethe zakwaNtu, lidludle nenkolo yasemzini.
- Uyinkokeli eneliso elibukhali kuba akuphawula ubusela nobubhedengu babelungu phantsi kolawulo lukaSomerset, njengenkokeli nenkosi ulwela ukuba iinkomo zabantu bakhe zibuye, aphumelele.
- Uyinkosi ekhokelwa ngumthetho kaXhosa kulawulo lwayo kuba akanikezeli kumthetho wabelungu abaphetheyo koko njengenkosi yamaXhosa, izaphuli-mthetho ezikumhlaba wakhe uzigweba ngokungoyiki esebenzisa umthetho weenkundla zakwaNtu. Loo nto imenza abonwe njengotshaba ngabaMhlophe.
- Njengenkokeli, ufungela ukhuseleko lwabantu nesizwe siphela. Oko kubonakala ngokulandela ekhondweni lababulali bakaBawana abathengwe ngabelungu de bafunyanwe bagwetywe ngomthetho wesiNtu.
- Ulithandazwe kuba ulwa ajijilize xa ooSomerset bezama ukumdudula bemsusa kumhlaba kayise, ngelithi akanakunikezela ngomhlaba olilifa labantu bakhe.
- Uyinkokeli ehloniphe amalungelo nobomi babantu nenoxolo kuba sele ekwidabi lokulwela iinkomo, ugxininisa ukuba kungaphalazwa gazi koko kohlwaywe amasela ngendlela efanelekileyo.
- Umi kumthetho nenkcubeko yesizwe kulawulo lwakhe kuba ukhalimela ooMatshaya ngokusuka baye kuNgqika bengadlulanga kuye, nokungena kwikomkhulu lakhe engekho.

- Uyinkosi ehloniphe izimvo zamaphakathi malunga nemiba ethile kuba, nangona engayingene inkolo yobuKrestu, akawadleli ndlala amaphakathi nezizalwane zakhe eziyamkeleyo ezinjengoSoga noKama koko uyabalumkisa ukuba ze bazihlele izinto bangaginyi konke.
- Uligorha kuba naxa ooSomerst sele bemsusa ngeyelenqe lencwadi esuka eBhrithane, ufunza kubo egageni ebakhupha kakubi de acengwe nguyise uNgqika ukuba ehle. Unikezela ngentlonipho kuba ehloniphe uyise kodwa enethemba lokuba ngenye imini le mihlaba iza kubuya.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***A-A-A! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

13.1 Ngamaziko aza kwakhiwa ngabefundisi abaza kusebenzela kuwo nabaza kugcina kuwo izinto zenkonzo.√√ (2)

13.2 Libaveza njengabantu abasele bonakeliswe yinkolo yobuKrestu abangasalungelanga nto ngokwesintu.√√ (2)

13.3 Ngowokuba njengokuba abefundisi abamhlophe bemana ukucela imihlatyana yokwakha icawa baza kuphela sele bewuthatha wonke umhlaba√√/Banga bacela umhlaba wecawa kanti bajonge ukuthatha umhlaba nobutyebi belizwe labo.√√ (2)

13.4 Kwakubiwa iinkomo zabantu bakhe ulanda ekhondweni uMaqoma azilwele.√

Ungena ngenkani kumhlaba kayise ale xa ooSomerset befuna ukuba aye kuhlala phesheya kweXesi.√ (2)

13.5 Abefundisi batshitshisa izinxibo zesiNtu nokuqaba ngelithi zizinto zobuhedeni√/Amagama esiNtu ayatshitshiswa banikwa awesiNgesi√/Abafazi benziswa izinto ezibenza bangawahloneli amadoda abo.√

(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

13.6 Imveza njengomlinganiswa oligorha√√/Imveza njengomlinganiswa olithandazwe√√/Imveza njengomlinganiswa onomqolo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

13.7 Abonisa imiyalelo yeqonga√/abonisa iintshukumo zabalinganiswa√/azisa indawo nexesha√/azisa iimvakalelo zabalinganiswa neemeko abakuzo√/ achaza okuza kwenzeka.√

(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

13.8 Bubudlelwane bokuba bonke bazizixhobo zokuphumeza iinjongo zikarhulumente wamaNgesi.√√ (2)

13.9 Babekho ngeenjongo zokurhwebeshela amaXhosa kwinkolo yobuKrestu.√√ (2)

13.10 Wenza uphando lokufumana ababulali, akubafumana wabagweba ngoko-mthetho wesiNtu.√√ (2)

13.11 Abalinganiswa bazithethela ngokwabo√√/Amagama akwizibiyeli anika umyalelo weqonga√√/iintetho zabalinganiswa zibhalwa ecaleni kwamagama abo.√√

(Nasiphi isibini kwezi) (2)

13.12 Umntu uyakwazi ukuzenza into angeyiyo√ kwaye abantu bayakwazi ukusebenzisa izinto ezilungileyo√ ngeenjongo zobubi.√/Yimfundiso yokuba xa uyinkokeli uyazincama√ ukhusele umhlaba nobutyebi besizwe√ kuba ulithandazwe.√

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** (3)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

**EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA**

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), makisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini emide kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela umbuzo wokuqala kwiCANDELO ngalinye.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa Intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo emide.*

8. Xa impendulo yombuzo omde imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo omde inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kummakishi ophezulu.

9. ***Sebenzisa iirubriki zokuhlola ezisisihlomelo A no B kuxwebhu lwezikhokelo zokuseta iimviwo ukumakisha imibuzo emide yabaviwa.***

10. *Imibuzo emifutshane*.

11. Musa ukumohlwaya umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

12. **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Makisha impendulo exhasayo.

13. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI.

14. Makishwa impendulo exhasayo.

## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

## ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**7 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**3 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |
| **AMANQAKU** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |

**ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]**

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4-5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6-7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–18** | **10–13** | **6–8** | **0–4** |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.